# GIBBERD no BRYANT.

## *ILOKWE ZOKUTSHATA.*

ISATIN EMHLOPE NE CREAM.
25s., 30s., 40s., 50s., 60s.
ILOKWE ZOKUTSHINTSHA (Amabala onke)
25s., 30s., 40s.
IMINQWAZI YOKUTSHATA.
5s., 6s., 7s., 8s., 10s.
AMAGQABI ABATSHAKAZI.
1s. 6d., 2s., 2s. 6d., 3s.. 4s. 5s.
IZIGUBUNGELO ZABATSHAKAZI. 3s., 3s. 6d., 4s., 5s., 6s , 8s.
IONDILOKWE EZIMHLOPE.
1s. 6d., 2s, 3s., 4s. 5s.
I CHEMISES.—1s., Is 6d., 2s., 2s. 6d.
EZE 6d. - I-PRINTI - EZE 6d.
Amabala Amatsha.

## *GIBBERD and BRYANT.*

AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI u ELLIS utengisa e Qonce yonke imihla emva kwe Malike yakusasa—ngo Mgqibelo kuhlala kuko Impahla yokufuya etengisayo.
Amafandesi ake Empahla Ehambayo atako
E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU lwesibini ezinyanga zonke.
E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU lwesine zonke inyanga.

## Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufumana Igusha ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.
Kobhalelayo : J. D. ELLIS, Auctioneer,
Kingwilliamstown.


# Iveki.

-----------♦------------

NGASE Monti kuvakala ukuba kumasimi amaninzi awayehlwayelwe ingqolowa ngo Jane nango July, ilinyelwa ngapantsi namhla ngenxa ye rusi.

KUNCONYWA ukudula kwempahla kwifaudesi lika Mr. J. D. Ellis elalise Toleni yase Cumakala ngolwesi-Tatu lweveki egqitileyo. Zaba kumashumi amane . inkabi ezatengiswayo ngamani apakati kwe £10 ne £12. Inkabi zegusha zatigungxu kancinane exabisweni, inani elikabileyo ili 16s. Imazi zegusha azitengiswanga bezirolelwa 13s. kuba umtengisi ebefuna 15s.

KUNE imvula ezinkulu e Transvaal.

ILAWU kumandla wakwa Daliwe ligi- tyiselwe ngesikele segusha yiukwenkwana youilungu bedlala yatsho emazantsi esisu apuma amatumbn. Igqira liwatungiie amanxeba, lati inqata elingabanga nakulifaka lalisika. Lipile alinanto.

ABABANJWA ababini abebelinde Ijaji e Nyara —omnye ngobudlwengu, omnye ngobusela— bapume ngendonga zentolongo ngolwesi-Ne Iweveki engapaya. Unanamhla.

U MR. T. BAILEY, obeke eyinkulu yomzi wakwa Komani, usinde kwinkabi yenkomo abone seyimkumbule imhlaba. Ute akubon' ukuba seyikwela walala pantsi, yalinga ngamanqina, kwatyapa ukuba ibehle indululwe, ukuba abe , akenzakalanga.

UMFO ongu Adam ubulewe kuminxwa zinqwelo zikaloliwe xa bezi *shantisa* ngo 17 October, kwizibuko lase Monti.

ABASEBENZI kumngxuma wo Meyer no Charlton bate, ngokukuhliswa kwemivuzo e Kautini, kuba besiba ngum'bhali owenze lento, batshisa indlu yake ; ebusuku, usinde cebetshu.

MAZIBE ziyinyakanyaka inyoka e Cradock, knba kutiwa ngokumka komhla kolwesi-Tatu Iwegqitileyo kubulewe isibhozo kwipandle lomzi. Ezintatu zibulewe ngu Mr. G. Tarkington, abanye abahlanu babulele nganye. Inyoka zi- nconywa ubuuinzi nakumahlulo we Somerset East, apo amafama akatazwa nangumqikela, abati ukuzamela ukuzamela ukusindisa amasimi bahambe betshisa pambi kwawo.

INDODANA engu John M. Byrne e Pearston ite itengela yabanwa iyaba isiza yabe ingabhekisana nezwi elinye.

IGWANGQA eseliqinile elingu Alexander Whitecross lilindiselwe ijaji e Somerset East ngokubulala umfazi walo kwifama ka Piscook Em'pintsho. Limdubule nge pistoli

Inkosikazi Umjaji yesizwe sa Besutu esise zoutspansberg, uyalwa nombuso wase Transvaal. Ubehlauliswa £300 ngesiposo esipatelele ekunukeni, wamangala ukuhlaula kongezelelwa £700, usuku lomnqopiso ahlaule lube lulolo Mvulo lo. Ibise ihlanganiswa imikhosi ukuya kumnyanzela. Amadoda okulwa ku Mjaji kutiwa aku 6,000 kwelinani a 2,000 avakalisa ukuba angakumabhulu. Ezokugqibela zithi utshisiwe umzi la Mjaji.

U RULUMENI wase Natal uhlauliswe £834 ngamatyala amakulu akona idemeshe yokutsha kwamahashe amane ohlobo ka Mr. Collin wakona awatshela etrenini.

UMBUSO wama Jermeni osekungeneni kwe Gqili elwandle ufungele ukuyicita inkosi yama Qwelane u Witbooy.

IMVULA ibulele impahla kumahlulo wase Middelburg ngokubanda.

IGQIRA elintsundu lipambi kwamatyala ase Mugeni e Natal ngokubulala abantu ababini e Zwaartkop ngeyeza. Abanye basemngcipekweni.

NGO 14 October umalusi ongu Philip Looch ngase Uniondale, uvikwe ngembumbulu imilenze yomibini ye Lawn abelilanda esiti libe izihlangu zake, lata emva kwentsuku ezimbini. Ubanji-we.

INKWENKWANA eminyaka isibhozo idutyulwe endle e Lydenburg, e Transvaal li Bhulu elingu Slotz obesiba yinyamakazi.

UZIHAMBISA e Cradock ngaleveki inkonzo zake zemvuselelo u Rev. Alex. McAulay, akubon' ukuba uziqale nge Sabata kona.

KUTIWA odyakalashe babulele amaxwane amashumi matandatu anane nge veki enye kumandla wakwa Daliwe.

U MR. ESTMENT (Hesmani) no Mr. R. Lloyd (Usiciko) base Bhofolo bayadliwa. Imali yabo ipela ibikwi Bhanki le yase Kapa icitwe kupelelwa yimali.

IBHULU lifike e Pretoria ngolwesi Ne Iwegqitileyo lisiti inqwelo yalo ebilayishe iswikila itshe yenqu yonke into engumti kuyo kubetwa lizuW.

E JOHANNESBURG umfo obedlwengule umfazi oselenendoda ugwetyelwe ukuxhonywa. Sesokuqala kwelo isigwebo solohlobo ngesisiwo.

NJENGOKUBA esahambele kwelama Ngesi u Sir Gordon Sprigg ngati okwangoku uzimisele ukubuya ngalenyanga iza kutwasa.

I-OFISI ye mantyi (Mekena) Mr Mckenna e Kimberly iyavalwa ukuba kungabiko not iyiyo ngo 15 December.

U Mr A. E. WALKLETT wase Kimberley uhlanganise ibutho lamawethu elise shumini aliqeqesha ekuvumeni. Uvuselelwe kucula kwe Jubilee Singers. Negama lebutho eli liyi Jubilee Troupe ekutiwa loti nalo lakufezeka lihambahambe.

SIVA ukuba inile imvula kwindawo ezininzi. Bayayilandula kule mimamandla ye Qonce ne Debe; Ixesi ne Nxukwebe. E Qungqwala bayalima, e Tamara nase Ngqushwa; hayi. Inconywa kwelipezulu.

NGOKUVALWA kwe Bhanki yase Kapa Ibandla elintsundu lama Wesile ase Rini lilahlekwe yi $50 imali elaliyilondoleze kwi Saving's Bank yase Rini eyayigcina kulo Bhanki ibhangileyo imali zayo.

INTETO ayenze e Bhai Umpathiswa mihlaba u HON. J. Sivewright, ute u Rulumeni akasakundula abehle amenze uloliwe osuka e Molteno aye e Malahleni Endwe ade abe nemvisiswano emanelisayo ne Komponi asezandleni zayo amalahle.

KUXELWA ezokufa kwe Netevu e De Seers, ibulawa kudilikelwa ngumhlaba.

E BHAI ngo-Mgqibelo, unyana ka Mr. D. Hannam wenzakele iliso ngokungatembisiyo. Lijutyelwe yintlantsi yentsimbi xa bekukhandwa. Unyana ka Dr. Rusor wapuke ingalo kwindawo ezimbini ngokuwa nalevili ikwelwayo.

KUKO umfundisi wase Tshatshi u Rev. B. C. Grubb ojikelayo pakati kwabamhlope ehamba esenza imvuselelo. Impembelelo yenkonzo zake aselezenzile 3 Kapa nase Bhai inconywa nangama pepa angengawo awe Lizwi Use Bhai ngoku.

NGOLWESI-HLANU, kuwe umntwana etrenini xa ibaleka kunene ipuma e Beaconsfield ngokuti kuvuleke ucango. Into engumangaliso kukuba engenzakalanga.

# Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-NE, OCT. 30,1890.

### *IBAKALA ELIDANISAYO.*

NGOKU abejikela Umpatiswa Bantsundu, isandla sake—u Mr. INNES omdala — situmele incwadi ku Manyano lwamafama lwase Qonce ukwazisa ukuba sekuko imali ebekwe nxamnye yokudala Imantyana ze Lokeshoni kulomandla. Asitanga sibehle siyixonxele indlebe lento kuba sicinge ngokuti kutetwa ngelokeshoni ezisemihlabeni yamafama. Kusotuse kunene ukuva ukuba kuvuswa ezamantyana wawuke wanengxoxo eshushungazo umzi wakowetu, ungazamkeli; wada waxoliswa kuroxiswa kwazo ngu Mr, SAUER, oko wayengu Mpatiswa-Bantsundu. U Mr. FAURE makabe akayazi ingxokozelo eyayiko ngalomcimbi, okanye ubenge-wungene ngalendlela yokungati kwaye kungazanga kwabako nteto ngawo. Lomteto ungomnye wemiteto enzima eyenziwa lulaulo lokuqala lo Som'bawo u SPRIGG, esifumana ukumangaliswa ukuba abavusi bawo ibe ngu Rulumeni wamanene awaye luchase bukali ololaulo. Sisati tina lento ayaziwa ngamanene amakulu apatiswe ubu Rulumeni; yinto egqitywe sisandla ngapandle kwake. Soqonda eyona nto kuyiyo kwakubaya incwadi esisabhekise ngazo. Into esimiyo kuyo kukuba nokuba besekugqitywe kwelokuba uhanjiswe umteto lo, njengokuba wawuroxisiwe ngesicelo somzi, bekuyimfanelo yodwa ukuba ubekwe pambi kwawo wenze elawo. Omnye angati kuqutywa into eseliko kwezinye indawo ; into esiyaziyo kukuba nakwezondawo ayamkelekile, bekulindelwe ukuba iguzulwe nakona kwanjengokuba yaqetulwayo e Qonce. Umzi awa- nelisiwe kukuba unikelwe ezandleni zamafama ukuba awulaule.

### *UMHLABA.*

------------------------

INGXOXO yamanene amhlope no Mpatiswa-Bantsundu e Kokstad, esiyingenisa komnye umhlati ibitanele ukuvula amehlo emfama zakowetu Ukuba umsi ontsundu ube ungekaqondi ubufanele ukuqondiswa zinteto eziwe kulentlanganiso ukuba abamblope bazamela ukuba ube ngowabo bodwa umhlaba. Oku kubangwa kukuba amawetu emi kwigada lomhlaba ongacandiweyo. Sibe siti sakukangela ukuba ububanzi nobukulu beli, sibhekisa e Kapa, buse zandleni zabamhlope, mababe be- nele— indawana esebelunge nazo abamnyama sekungenziwa ihobe kutiwe zezabo, baqiniselwe kuzo. Kodwa akubonakali njalo. Ipango lomhlope mayelana nomhlaba ala- neliswa nto. E Glen Grey usaseloko egqila ngokomntu edubula ibele lebhokwe; namhla nanko elilela izizwe zabamnyama e Mbo—indawo engekenzelwa itaitile usayirwiqela amate. Umzi ubufanele ukuhlala usazi ukuba uhleli nje kuko into ebapanda umhlaba pantsi kwenyawo zawo, uhlale uzilungiselele ukulwela amalungelo awo kwangale ndlela balwa ngayo abamblope, yokuteta, ngakumbi ngamatuba anjengala abeko xa sukuba kuhamba abapatiswa Mbuso; ngamatuba okubhalela nokuteta no Rulumeni kuzanywe imvisiswano. Ngaeteta amawetu nawo ngelixa batetayo abanye, akusakusiza ukuteta sekugqityiwe apo kugqitywe kona.

# Impawana.

K WIZ I H L O B O Z E T U.

—

NGAMATYALA E " Mvo."

NGENXA yenguqulo eziya kwenziwa ekushicilelweni kwepepa ngonyaka ozayo BAYABONGOZWA bonke abahlobo abanamatyala kwi " Mvo " ukuba baqoshelise kwangoku ukuhlaula besisa ekupeleni ko NYAKA lo.

J. TENGO-JABAVU.

23 October, 1890.

NGOKUPATELELE kwinqaku elabonakala kwi Mvo yokugqibela ngendawo yokwahlukana kuka Rev. P. J. Mzimba nie Band la lase Lovedale, ukuya kupata elase Johannesburg, sicelwa ukuba sivakalise ukuba u Mr. Mzimba akakabi namcamango wokwenjenjalo. Oludaba luya kutoba amapapu ebandla elo lake elitanda ngemfanelo umfundisi walo.

INCWADI zemvumelano pakati kwaina Mpondo ne Komponi kaloliwe ozakusuka e Cwebeni lo Mzimvubu ecanda kwelawo aye pantsi ko Kwahlamba, zibhalwe kwinkundla ka Nqwiliso. Komponi irole iwaka elinamakulu amahlanu eponti kwayoko, yaye iya kurafa ikulu leponti ku Nqwiliso yonke iminyaka. Akukavakali ukuba iya kutinina kwezi zgqibo inkundla enkulu ese Qaukeni.

KUKOLISE ngaleminyaka ukuti kwindawo ngendawo amawetu atabate ikontileki yokuhambisa iposi. Libakala elifanele ukukhutazwa elo kwanjenga manye, kuba ukuze sibengumzi ositileyo abantu bakowetu kuyakufuneka bengene kuyo yonke imisebenzi xa kuko itemba lokuyipumelelisa. Asinakuba ngumzi xakuyakuti izikolozizele nje kufundiswa otitshala nabafundisi kupela. Ukutsho ke sifun' ukukhumbuza amadoda angaba anomcamango wokureya iposi ukuba izaziso sezikutshiwe ngomantyi bendawo ngendawo belipetwe e Kapa ezibehla ezinye zangena kumhlati wezaziso zo M'buso. Ingxelo ezizeleyo zifunyawa kwi otisi zomantyi.

INTLANGANISO yo Nyaka ye Bandla lika Rev. S. J. Helm, lase Dipente e Rini ibingo Mvulo ongapaya yonganyelwe yinkulu yomzi wase Rini u Mr. G. Reynolds, obepahlwe emgangatweni ngo Rev. S. J. Helm, Rev. G. W. Cross, no Rev. G. Kak aza no Mr. W. Grainger. Ingxelo yeminikelo yonyaka ibonise ukuba ibandla libute £79 12s. 9Jd., incito yakwi £378 8s. 7d. Inani lamalungu liku 241, kwaye kongezeleleke 47 ebandleni ngonyaka opelayo. Yonke ingxelo yalate ukuba umsebenzi awubuyimva nakuba engaswelekile amajingxela. Amanene ate abhekisa emhlambini ngu Mongameli, no Mr. Grainger no Mr. Kakaza.

KULISIKO kwi Bandla lase Wesile ukuti ngentlanganiso yenyanga ezintatu ka September abapati be Bandla bavakalise umfundisi abanga bangabelwa yena yintlanganiso ya Bafundisi yonyaka. Kukululekile ukuba icele ebinaye nokuba itumele isicelo komnye. Ihambisa elisiko ke siva ukuba intlanganiso ye Bandla lama Ngesi yase Cradock icele u Rev. W. B. Rayner ose Tinara; eyase Tinara itumele isicelo ku Rev. C. Bettman, ose Durban, Natal; abase Durban bacele u Rev. W. M. Douglass, B.A. wase Cradock. Ibandla lase Verulam elipetwe ngu Rev. S. Barrett Cawood libhalele ku Rev. S. Clark wase Kapa. Abase Maritzburg basababafuna bobatatu abafundisi babo ngonyaka ozayo.

BASEBELIQELA kubalesi be Mvo abasibhaleleyo benga singabaqondisa Ngesaziso Sakomkulu esibonakele kwelipepa ngokuhliswa kwemali ezalwa yiponti kwabalondoloza imali yabo kwi Bhanki yakwa Rulumeni. Kuyasivuyisa ukubona ukuba sebekolisile ukukuqonda abantu bakowetu ukulunga kokugcinwa kwemali, endaweni yokuyicitela empahleni eseloko isesicengeni sokubhubha zizifo nokubiwa. Isaziso sakwa Rulumeni sisivisisa sisiti, ekubeni ngeponti egcinwe kule Bhanki bekubako inzala eyi 9d. ngonyaka iya kwapulwa inzala ukuba ibe yi 8d. ngeponti. Abebesibhalele mabasebesaneliswa yile ngxelo.

MASIQOKELE kubahlobo betu abasitumele imibiko yentsizi ezikoyo emizini yabongokukelwaezinjengokubhujelwa —siti imibiko yoluhlobo iyahlaulelwa ukuze ingeniswe njengezaziso kwimizalwane. Bobehle babone nabo ukuba , sibe singati sivulele ituba lokubalisa intsizi zabemkayo zabo bonke abanga ezindaba zingaviswa abahlobo, ipepa libe lingazaliswa zezondaba lipela. Kungelituba ke esiti singasukeli pezulu ukungenisa indaba ezingabasukuba beshiye izihlobo. Yenye into xa umti sukuba ingumntu obalulekileyo niengabantu ababalulekileyo pakati komzi. Abahlobo abebositumele ngemiphanga bengatumelanga ntlaulo yokwazisa mabamkele lamanqaku axela ukuxakeka kwetu ngetuba abalilangazelelayo.

SIVA into embi ukuba amadodana akwaziyo ukubhala engazitumela ngangxelo zentlanganiso zabantsundu no Mpatiswa kwindawo ngendawo, ngokukodwa kwindawo ezibubala njenga Matatiele, i Cala nezinye ukuze umzi uqonde into ekuyiyo. Sibulela abahlobo betu nbalnnge e Ndwana. ngokuwuvisa inteto eziwe kona. Kweso sitili sifumana ukuba u Rev. J. M. Dwane wenze inteto emnandi egameni lomzi, eyaleza umcimbi omkulu womhlaba— ukuba kufuneka beqiniselwe. Umpatiswa ute lendawo seyavuuywa ngu Rulumeni ohleli ecopele ukubanika isiqiniselo bonke abazifunayo bakuba heroic imalana encinane yokulungiselelwa kwazo. Njengokuba kunyhilwana ngomhlaba nabamhlope amawetu ngeleselesiti bhukuqu — ubemzi lowo ubize itaitile yomhlaba enebango kuwo Enye indawo atete ngayo u Mr. Dwane yeyo nxilo, ate Umpatiswa kubonakala ukuba kumiswe umteto wokohlwaya owenza umtayi notengisa utywala. Waqokela ngeliti, ingxelo yabapicoti iyakusingatwa yi Palamente yonyaka ozayo. Sivavuya ukuva ukuba umzi ufun' ukuti waneliswe ngu Mr. Faure, kuba kukutyeba kwesakuteta mhla wegqita ukuba ngati uyakungeua kamnandi kumawetu.

NE *Watchman* ipepa lase Qonce inento enika itemba eyalatayo kumzi ontsundu. Oku ikupaula kwintlanganiso abenazo namawetu u Mr. Faure (Umpatiswa-Bantsundu) kwelipesheya kwe Nciba, xa abantu bacela ukuba iingeniswe kwelo labo umteto we Bhula; kupeliswe amasikizi obuhedeni; nangapezu kwako konke xa ingumzi ontsundu ngokwawo onqwenela ukuba uqiniselwe, ngesoko lese bu Ngesini umzi omele elama Mfengu emhlabeni. Ubunga umzi ungaziquba esi zinto ngozondelelo zide zibe zizinto eziyimbasa pakati kwawo.

KUSALUNGILE ukuba abalesi be Mvo bamane ukuviswa into ezitetwa ngamapepa abamblope ngepepa labo. Le inteto siyitabata kwelase Free State ekutiwa yi *Friend* ebhaqene nelinye kumapepa e Mvo, eti-ke:—IMVO ZABANTSUNDU.—Eli ligama lepepa elishicilelWe Qonce. Linteto mbini — isiqingata si Ngesi esinye Sixhosa, zonke izaziso zona zingenteto le yokugqibela. Libhalwa kakuhle, lipolile, libhekisa amazwi ava- kalayo ezingxoxweni, laye litnnika isihomo Umhleli walo u Mr. J. Tengo- Jabavu.

UNYULO Iwamalungu e Baudla le Ngwevu alukaugelwe ngapambi ko February ozayo. Kodwa wona amanene anga angatunywa selejikela. O Messrs. Wienand, van den Heever no Michau (Miro) sebejikela, baqale e Bhofolo behamba besenza intlanganiso kumjikelo wa Mantla-ne-Mpumalanga; wave u Sir Henry Stockenstroom eqalc e Somerset nase PeastoN, ngegqitileyo icawa usitshise e Bhofolo nase Nxukwebe isikhota, eya kubhekisa nase Mpofu. Kumjikelo wa Mazants'-ne-MpuMalanga oquka ama Dike nama Ngqushwa u Mr. Hans Moolman selenentianganiso azenzelwayo e Humansdorp nase Tinara. Ngati noko kuqutywa ngephika.

SiBE sihleli sisiba umcimbi wokumiwa kwe Glen Grey ngabantsundu ungosengqityiwe. Kwacaca okunye oko ngonyaka ogqitileyo xa i Palamente yayicelwa ngu Mr. Joubert ukuba bafuduswe abantsundu. Yalicita mhlope elocebo, kwangokunjalo elika Mr. Jan. du Plessis wase Cradock lokuba kutunywe amadoda aye kupicota umcimbi wokumiwa kwelo. Siyamangaliswa xa siva ngencwadi etunyelwe ngosisandla so Mpatiswa-Bantsundu ose Kapa u Mr. Innes omdala kumanyano Iwamafama ase Ndwe isiti mabalungiselele inteto kuba kusiya abapicoti e Glen Grey ngawo lomcimbi wokumiwa kwelo.

NGO Mvulo wegqitileyo kube kuhlangene abatunywa be Bhunga elipete umzi wase Kapa no Hon. J. W. Sauer, Umpatiswa Micimbi ye Koloni ukubonisa imfuneko yokuba kubeko into eyenziwayo ukuba abantu bahlale beqashulwe ngetuba lokuba ingqakaqa iba nobubi obukulu ebenzayo kwabangaqashulweyo. U Mr. Sauer upendule ngeliti u Rulumeni uhleli enga angawasebenzisa onke amandla anawo ngemiteto ekoyo ukuba kuqashulwe, baye bengavuyayo ukuncedisa ukuba luhambisele pambili uqashulo. Utsho wati woka azame ukuvisisana namagqira. Ngendawo yoknba ebete omnye wabatunywa makubeko umtetoonyansela ukuqapula, ute akakuso isimo sokuxela into angagqiba ukwenza yona u Rulumeni, kodwa bakangela. Okwangoku uyakuke atabate uluvo lwamagqira kulo l«nke, enze anako pantsi kwemiteto emiyo.

# Umpatiswa kwelase Mbo.

----------♦-------------

Intlanganiso yokuqala ebeko kwelipatwe ngu Ndabeni, akubon' ukuba Umpatiswa-Bantsundu uwushiyile umda wela Batembu,' ibeku Qumbu, ngo 7 October. Knqale ngeyabelungu be

VENKILE

besiqingata sakwa Tsolo no Qumbu baye betandazela ukuba banikwe itaitile zeziza zevenkile. kuba ngapandle kwazo bafumana inkatazo kwi Netevu ngokuti impahla zenze ukutanda kwimida yabo. —U Hon. P. H. Faure ute akungebe yimfanelo ukubanika bodwa itaitile zeziqu, kodwa ingenziwa into leyo xa ucandwa wonke umhlaba. Noko uya kuya nawo e Kapa umtandazo lowo.

INTLANGANISO YAMAWETU

ibe pandle. Uveliswe pambi kemzi Umpatiswa ngu Ndabeni (Mr. W. E. Stanford) ote bamenyelwe ukuza kuqubisaua no Mpatiswa-Bantsundu. Abo auni bazifundayo ingxoxo zase Palamente kwipepa lenu (IMVO) sebesazi ngenguqulo yabapatiswa bu Rulumeni ebeko ngoku ibihlangene i Palamente. Kukuba kubeko longuqulo akoyo namhla u Mr. Faure, elinene elimele imicimbi yenu embusweni. Nivulelwe ke ukuba nipalaze pambi kwake into zonke ezipatelele elungelweni yenu embusweni. Akubon' ukuba u Mr. Faure uvakalise ukuvuyiswa kwake kudibana nabo,—Isibonda esingu Mtengwana esibhekise isiroro esingokuvalwa kwamahlati ate abakwazi ukwaka ngamatye nezitena, baye bengenamali yokutenga oko bebesiti bonaknlilifa labo.
—Kutete izibonda ezibini kwangesi si kalazo.—U Mr. Thomas Ngudle ukankanye indawo yokupeliswa kwemantyi ezinkulu, kwanangokungeniswa komteto we bhula, ate ezonto zibahlalise kakutfi. Bangavuma ukuba kubeko imantyi enye Enkulu ibese Mtata. U Meja siyamazi saye sonke simhlonele, kodwa selahipele; ngoko aingavuytswa kukuba kumiselwe u Mr. Stanford (Undabeni) Emtata. Enye indawo abebengatanda nkuyiva kukubhatalwa kwezibonda. — Isibonda esingu Jantje singenise umcimbi wobusela bama Mpondo ate kubonakala ukuba u Rulumeni ungumhlobo wama Mpondo. awayeka ukuba enze ukutanda. Ngati into engade ivuse u Rulumeni kukuba ama Mpondo alike aqekeze amatye emali zake apange. [Uncumile Umpatiswa. Lomnumzana utete nangempato entle yababanjwa entolongweni abangatwele bunzima. Into ewalungeleyo kukuba agxotwe amasela akubon'ukuba ipangiwe yonke impahla yawo.—Enye indoda ivumelene nale yayisiti abasenampahla yonke isema Mpondweni.
—Inkosi u Sofonia Moshesha ute le yimini enkulu ukubona uyise wabo bonke ababantu etembisa ukuba uya kubazamela. Ute amahashe ebiwa aye ema Mpondweni, igusha nebhokwe zitshona kwaku Qumbu apa ; ngoko asingawo ama Mpondo edwa ebayo, Siti xa silanda umkondo

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

GRAHAM'S TOWN .

*Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 31- inye.*
*Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2d. yd.*
*Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4d. yd.*
*Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4d., ne 6d. yd.*
*Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye.*
*Iblanket zoboya ziqala 51- inye.*
*Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.*

## YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala lOs. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. lid. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, Is. inye.

*Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo " maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (£1), uyakubuye ayinikwe isheleni ngevonti nganye.*

## JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

# UBOYA! UBOYA!

## F. SMALE, kwa Mpuluse,

(Apo ibingu W. FENNELL).

NJENGOKUBA ixesha loboya lisondela u F. SMALE wazisa abatenga kwi venkile yake, nabo bonke Phesheya kwe Nciba ukuba uyakurola awona maxabiso apezulu ngoboya, kwanangazo zonke izinto eziveliswa ngaba Ntsundu.

# INKOMO! K MOMO !

EZITENGISAYO.

UHLELI enento eninzi ye Mazi, Amatokazi, Amatole, njalo njalo, angazinyulelayo umntu TSHIPU.

## F. SMALE, kwa Mpuluse.

qt3010

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

## J. W. GARRETT & CO.,

LADY FRERE,

IZITORA EZITSHIPU."

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

Ololiwe ba-Komkulu—base Mpumalanga.

E MONTI.

Umboniso Woboya ne Mveliso, November 20 ne 21.
Imidlalo, November 21. Imidlalo kwakona, November, 22.

ITIKITI ze First, Second, ne Third Classes zokuya nokubuya ngamaxabiso atotyiweyo ziya kunikwa nkuva e Monti, ukusuka e Ali«al North nezinye izitishi ukuza e Peelton ngo November 17, 18,19, 20, ne 21; nokusuka e Qonce nezinye izitishi ngo November 19, 20, 21, 22 ukuya e Monti, ekunokugodukwa ngazo kube ngo 30 November.

Ingaelo ezeleyo ngamaxabiso okuhamba inokufunyanwa kwizalatiso ezincanyatiselwe ezitishini

T R. PRICE, Umpatiswa.

East London, September, 1890. t2011

# Kubo Bonke Abalesa ' Imvo'.

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba benento abafuna uku-zitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo, Ivenkile ezimpahla iblokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalilungelo nakubo bengayifihlanga lonto kubanini-venkile.

QUEEN'S TOWN ADVERTISEMENTS.

BATININA ABANTU?—E KIMBERLEY.

Bati u Rev. A. Macaulay uziqale ngo Mvulo (6th inst.) weveki egqitileyo inkonzo zake zemvuselelo kwabantsundu e Wesile e Malay Camp, baye beziya kakuhle abantu. Zibe nesiqhamo esihle. Lomfundisi ushumayela kwabamhlope kuleveki.

"Bati tyole' yancamisa i Farewell Concert enikwe ngu Mr. Titus Mbongwe nge 30th ult e Beaconsfield pambi kokunduluka kwake. Kuvunywe nenxenye yengoma apa ezimnandi zama Amerika o " Turn back Pharoah's Army," " A meeting here to-night," nezinye njalo-njalo. U Mr. Mbongwe ufunde ne essay ngesilungu (English) " Ngento emayinikwe Abantsundu," yapulapuleka. Siyatemba ukuba asiyo yokugqibela lo concert eseko nje u Mr. John Mbongwe nomzalwane wase Malay Camp.

"Bati lempi intsundu yase Post Office iyayikalazela kanye inqubo yale Postmaster intsha ngakuyo, akuko kuvana kuba ligwangqa apa elingati alilindele nto kontsundu. Akuko kufa kuhle madoda.

Bati ikaba lebhola (P.T.C.C.) lenze i timiti ebalulekileyo e Malay Camp nge 13th inst., ukuqoshelisa indleko zokuya e Mnyhadaleni. Laye linga praktisi ikaba lisapula uluti. Bati u Mr. Nano naye ubhale isi Kimbili e *Mveni* ngebhola, inteto efuze enye yezamandulo.—Pambili Cawood.

Bati u Charles Madevu (ibhoyana) ube pambi kwe mantyi u Tulutulu (J. L. Truter, Esq., R.M.) ebanjelwe ukudlwengula u Emily Ngece (umfazi otshatileyo) endlwini yake ntambama ngo Mvulo 13th inst. Limiselwe u Mgqibelo wale veki. Amanz' amlilo akaswelekile kolu bhici.

Bati kubanjwe isipani (16) so Gweva abantsundu bodwa e Toitspan ngalo Mvulo (13th inst.). Kambe o Gweva ngabantu abatenga imbokotwe ngobusela (Illicit Diamond Buyers). Baya kuxambula kwi Special Court yakuhlala. Kakade bachope pezu kobubi nentsizi ezinde zentolongo abasixelenga ngale ndlela esisonka.

Bati lisabalele ngakunye kweli, kupela zintuli nengqele, kube kunjalo nje selipantse ukulibaleka nexesha eyagqibela ngalo ukuna.—Hard times—ndibhala nxa eqala ukuwa amatontsana angepi.

Bati pezu kokuba amaxesha enje ukuba nzima kwawo, unxilo lona lunesivuno esikulu kuba arnatyala okunxila ahlale ezele unomgcana onesiqhuma lemihla kule gantolwana ka Makena yobuvuvana bamatyala epasi namanye njalo-njalo.

Bati zingade zibe ziziqwala itoliki zonke zase matyaleni, kodwa ziyekele le yakwa *Lenye.* Kunzima ukuqonda ukuba ubulungisa bunokuqhutywa kakuhle ngetoliki enje. Sesoyeka ukuteta kuba kuchope " umona-kwele " sa- kwalata nto, kodwa omnye u Moss uyafuneka kula ofisi.

Bati besiya kugxumeka olunye usiba kwi cap " ka Mr.---------------------------nxa abenokuti avakalise beve nabapulapuli nxa akumsha ematyaleni e Mantyi, ingabiyivo lento isabugqugula. Siyazi tina ukuba wenza ngabom kuba u "Baas" John khe simve nxa atolika kwezinye indawo —Deze waare.—Ngu DAYIMANI. Kimberley, October 17th, 1890.

EZOCINGQ ZELIPESHEYA. — Inkulu entsha yombuso welama Putukezi ite kwi Palamente yakona ayiyamkeli imvumelwano ebigqitywe nabapatiswa belo abapumileyo engemida yomhlaba ongowama Putukezi nom'buso wama Ngesi kweli pakati e Afrika.—Uyisekazi" we Kumkani yase Russia i Grand Duke Nicholas obepatiswe imikhosi ungenwe lugezo xa abetainbisa amasodati.—Kudubule iruluwa apo yenziwa kona e Delaware kwafa iahumi labantu, ete into yonke elunge nendawo leyo, nezizindlu nenye yayimbuqe. — Amalungu e Palamente a ma Aylishi o Mr. Dillon no Mr. O'Brien ehle nomcinga xa abefunekakwi ofisi zamatyala ukupendulela inteto kwintlanganiso ezingavunyelweyo ngu mteto kwelo, ngokuti akwele kwinqanawa eya e Paris, ukusuka apo asinga e Amerika apo aiunywe ngamawabo.— U Mr. Gladstone oyinkulu yamapakati ecala le Liberals, oselekumashumi asibhozo iminyaka, uyakuba neveki ezimbini ejikela kumandla we Edinburgh esenza inteto zokvalata amadlala entweni zombuso. Uqale kwisixeko sase Edinburgh ngeveki egqitileyo walata ukungalungi kohlobo onetwe ngalo umbuso wase Ireland.—Kuvoto obeluse Eceles kwelama Ngesi, itala lika Mr. Gladstone lihlute isihlalo ebesisesandleni sabamelene naye.

IJAJI E RAFU.—I Judge ihlale apa e Rafu inkuku ezintitu, u Mgqibelo (11th), u Mvulo (13th), ngolwesi-Bini (14th)— pambi ko Justice Cole Elenkosazana ingu Advocate Collison. AWASE JANSENVILLE:—1 *Jan Ntoni* no *Bony Ntoni* ngobusela be bokwe. Iminyaka emine emnye (4 years). 2 *Klaas Spandawe,* ngobusela benciniba. Iminyaka emine (4 years). 3 *Booy Hempisi, Zwaartbooy James,* no *Cornelius Nyikinya,* kwa ngobusela. Bakululwe bonke (discharged). 4 *Jacob Albert* ngokubeta enzakalise omnye (obhubhileyo). Ukululwe (discharged).—AWASE ABERDEEN :—5 *Piet van Eck* (omhlope), ngokuqekeza ivenkile ebe. 18 jnyanga (18 months). 6 u *Jan Klaase,* kwangokuqekeza ebe. 18 inyanga (18 Months). — AWASE RAFU GRAAFF 7 *Andries van Rooi,* ngobusela benciniba nezinye izinto. Iminyaka emithandatu (6 years). 8 *Marthinus Blomme* ngobusela benkomo. Iminyaka emibini (2 years). 9 *Elsie Fortuin,* ngokunika umlungukazi wake i ityefu (attempt to poison). Iminyaka emitatu (3 years in the house of correction). 16 *April Jacobs.* ngokudlwengula. Iminyaka emihlanu (5 years). 11 *Thomas Klaas,* ngobusela. Iminyaka emine (4 years). 12 *Akam Kevido,* kwangobusela. lminyaka emine (4 years). 13 *Jack no Matewu Maqetuka,* ngokunqumla imisipa yenkibi yenkomo (Hainstroging). Iminya emibini (2 years). 14 *Joseph van derhiet,* ngokuqekeza indlu ebe. Inyanga zisitoba (9 months). 15 U *Solomon Rollis,* ngetyala lombulo kwintombi yake, Ukululwe(discharged).

UMGUBO WE DIPU YE GUSHA OMTSHA.

Ningatinina ukuzingenisa emngcipekweni we Dipu ezine Tyefu ? Akuko mfuneko.

UQINISELWE NGENCWADI ZAKOMKULU, 1890.

OKA OKA

# McDougall McDougall,

## Umgubo we Dipu Ongenatyefu,

*UTSHABALALISA IBHULA NEZINYE IZILWANYANA*

Ezigusheni, ezinkomeni, emahasheni, ezibhokweni, ezinjeni. ezintakeni zasekaya, njalo-njalo.

Ulelona yeza le Bhula.
Utshabalalisa zonke izilwanyana kuyo yonke into Ehambayo.
Usindisa kwi mbuzane zentlobo zonke.
Upilisa zonke izilonda namanxeba.
Unlumisa uboya kakuhle.
Ulungisa kakuhle ngapandle kwengozi.

*Awunayo kanye ingozi nomonakalo obangwa kuhlamba ngamayeza anetyefu,*

AWUNANGOZI KANYE. AWUNATYEFU KANYE.

GQALA.—Awunangozi kumntu nakwi ramncwa ; ukuba kune imvula emva kokuhlanjwa, okanye kokusetyenziswa kwawo, akuko tyefu ingawela emadlelweni.

Ukwiziquma za 20 e gallons zamanzi kwi Gusha ezi 25.

## McDougall Bros.

LONDON: 10, MARK LANE,
NEW YORK, MELBOURNE and BOURNE AYRES.

YIYA KO

## PEACOCK BROs and WEIR,

KING WILLIAMSTOWN.

*Unokutengwa nakuyipina Ivenkile yelase Maxhoseni nase Mbo.*

PRICE BROTHERS,

*I-ARENTE EMTETWENI,* QUEENSTOWN.

Batetela abanamatyala pambi kwe Mantyi, Kumandla wakwa Komani wonks nemele wona.

*Baquba Imicimbi enge Mihlaba; Babhala Nemvumelano.*

Umsebenzi bawenza ngenyameko. ngamaxabiso emfanelo kupela.

KANIBALINGE.

## PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I.ertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo.

YIYA KO

## CHUDLEIGH BROS.

## QUEENSTOWN,

X' UFUNA

YONKE IMPAHLA YAMALEDI YOKUNXIBA.
YONKE IMPAHLA YAMADODA YOKUNXIBA

*Yiyona ndlu izigqita zonke e Komani ngokulunga kwabafuna ukutenga IZIHL-ANGU.*

KWANGOKUNJALO § FKUSIKA § INGUBO.

*Bona Bayindlu Yengubo Zama-Nkazana nezama Doda, neye Zihlangu ngokufezekileyo kweli lase Ma-Xhoseni.*

Ningabalibali xa niye e KOMANI O **CHUDLEIGH BROTHERS.**

ISICELO:—Aba tenga kwi Venkile ezineziziso kwi *Mvo* baboyi xela lonto ;ubanini Venkile.